Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND
NOVEMBA 2015
Bulletin
Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

P.O. Box 20
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

IOverstrand isindleka iNational Blue Flag Launch yowama-2015

Ibe kukuhlakanipha ukuba iVeki kaZwelonke engoRhwebo eLwandle, ebhiyozelwa ukusuka ngowe-12 ukuya ngowe-18 Okthobha, iye yalandela i-2015 National Blue Flag Launch eGrotto Beach, eHermanus ngoLwesibini we-06 Okthobha.

IFlegi eBhlowu liwonga lamazwe ngamazwe elinikwa amanxweme, izikhephe kunye nabarhweba ngolwandle abathobela iinqobo zokulinganisa ezingqingqwa kwimigxilo yokhuseleko, ulonwabo, ucoceko kunye nemiqathango yokusingqongileyo njengoko ichazwe ngabaqukuzeleli bamazwe ngamazwe bephulo, le-Foundation for Environmental Education.

EMzantsi Afrika, le nkqubo ilawulwa yi-Wildlife and Environmental Society of South Africa kunye nabasemagunyeni bengingqi ethabatha inxaxheba.

Eyona nto ithe yachukumisa kulo msitho kukuba ngelixa kubhiyozelwa ukuphumelela iwonga leFlegi eBhlowu iminyaka eli-15 ilandelelana, indawo ebisendlekwe kuyo (iGrotto) ithe yawongwa ngesiqinisekiso egolide ngelixa amanye amanxweme amabini aseOverstrand (iKleinmond kunye neHawston) awongwe ngeziqinisekiso zesilivere ngokuphumelela eliwonga liyimbalasane iminyaka eli-10 ilandelelana.

Befotwe kumcimbi weNational Blue Flag Launch (usuka ekhohlo uya ekunene) Ngu Qqi. Thommie Burger (CEO we WESSA); Ohloniphekileyo u-Derek Hanekom (Umphathiswa wezokhenketho); Umdala uNicolette Botha-Guthrie (Usodolophu womasipala waseOverstrand); Roderick Williams (Umongameli wenkonzo zasekuhlaleni womasipala wase Overstrand) kunye noCoenie Groenewald (Umphathi kamasipala waseOverstrand)

Ukhenketho lelinye lamashishini akhula ngokukhawuleza ehlabathini. Ngaphezu koko, lolona shishino lunengeniso ephezulu eOverstrand. Ngeso sizathu, kwenziwa yonke imizamo ukunakekela amanxweme ale ngingqi nangundoqo kwimpumelelo yeenzame zokhenketho.

INkqubo yeFlegi eBhlowu kaZwelonke ibonelela ngeqonga anokuthi umasipala alisebenzise ukuvuselela nawuphi na umonakalo wokusingqongileyo okanye ilahleko kwiintlobo-ntlobo zezilwanyana nezityalo ebezikhe zabe ziyenzeka kulo mmandla. Kulo mba, amaphulo amaziko okucoca amanzi amdaka, amanyathelo osetyenziso-ngokutsha kwenkukuma kunye nokufundisa ngendalo esingqongileyo angamanye nje amalinge okuvuselela nathe amiselwa njengesisombululo.

Le nkqubo ikwavumela amanyathelo amatsha nanobugcisa okubandakanya uluntu lwengingqi, abasebenzi, iindawo zokundwendwela, amashishini anxulumeneyo kunye namaqela anomdla kukhuseleko lwendalo esingqongileyo. Lo mfuziselo wentsebenziswano, edandalazisa ukuba nengqiqo efanayo, ithe yakhokelela kuphuhliso lokhenketho kule ngingqi.

UMphathiswa woKhenketho kuZwelonke, obekekileyo uDerek Hanekom, wakhahlela esithi, "Ndisoloko ndisebenzisa iOverstrand njengomzekelo weenzame ezihlangeneyo zoluntu, umasipala, urhulumente, abathabathinxaxheba kunye namaqabane oshishino njengeyona resiphi ifanelekileyo ukuqinisekisa uphuhliso nolondolozo olulu-qilima lwendalo esingqongileyo. Kukho ukuzingca kakhulu apha kunye nokubambana okukhekela kwiinjongo ezifanayo. Olu hlobo lokuzinikela kumele ukuba lugqwatyelwe izandla."

Kwintetho yakhe ephambili, uSodlophu uNicolette Botha-Guthrie uyiphindile le nto esithi, "Mandibulele ngokungazenzisiyo kubantu bethu – uluntu, amagosa, urhulumente kunye namaqabane enkxaso kushishino. Ukusebenzisa nzima kunye nokuzinikela kwenu kuncede thina ukuba siqhubekeke siphumelela iwonga eliyimbalasane leFlegi eBhlowu kuthotho lwamanxweme ethu. Le ntsebenziswano ibalulekile ekukhuseleni amanxweme ethu khona ukuze sishiyele ikamva eliqaqambileyo izizukulwana ezizayo lendalo esingqongileyo eqhubekekayo netyebe ngezilwanyane nezityalo ezintlobo-ntlobo."

Emva kokunyusa iflegi ebhlowu kwiNxweme iGrotto, umsitho lo uthe waqukunjelwa ngodlwabevu lomhobe wesizwe uculwa liGosa loNyanzeliso-Mthetho eOverstrand uNelson nKanunu. Iindwalutho zithe zatendwa ngesidlo sasemini ezimuncisa iintupha kwiRestyu iDuchees ekufutshane apho nothi xa ukuyo ubone iminenga iphuphutha mgama phakathi elwandle. Ngako oko singatsho phandle ukuba wonke ebelapho waba nexesha elimnandi.

INcwadi zaBantwana eziliKhulu

"Akukho mntwana ongena kuthabatheka ziincwadi nje ukuba incwadi elungileyo iveliswe ngethuba elifanelekileyo." - Jayy Heale

I-Enlighten Education Trust, ibambisene ne-Hermanus Times, kutshanje iqalise iphulo iLungelo loFunda elithakazelwayo.

Imbono yale trasi kukubandakanya lonke uluntu lwaseOverstrand kwiphulo lokunikezela ngethala leencwadi elincinane eliquka nokuba ziincwadi zamabali afanele ubudala babantwana ezili-100 kwiklasi nganye kaGreyidi R kule ngingqi. Ukusuka kwiklabhu zemidlalo nezeencwadi ukuya kwiilali zabadlimhlalaphantsi namaqela olutsha, amalungu oluntu ayamenywa ukuba afake umcelimngeni kuwo ngokuthi bathenge incwadi eziza kusasazwa kwizikolo ukususuka eBetty's Bay ukuya eGansbaai. Okokuqala, phantsi kweemeko ezininzi, amawaka abantwana aya konwabela iincwadi zabo eklasini nasekhaya. Nanjengoko bephuhlisa ukuthanda ukufunda, bekwihlabathi lamagama, umfanekiso-ngqondweni, ulwazi kwaye ithuba liya kuvela lokutshintsha ubomi babo ngonaphakade.

Thenga iincwadi okanye liza ngemali yokuthenga iincwadi - zikhethele - kodwa nceda uzibandakanye kule projekthi yokwakha uluntu. Ngeenkcukacha ezithe vetsha, jonga i-Hermanus Times, qhagamshelana noElmine okanye uElaine eEnlighten kwezi nombolo 028 3130974 okanye thumela i-imeyili ku library@enlighten.org.za.

IOverstrand ihlaba ikhwelo lokucutha inkukuma

Nanjengoko bekubhiyozelwa iVeki yoSetyenziso-ngokutsha kweNkukuma kuZwelonke ukusuka ngowe-14 ukuya ngowe-19 kuSeptemba, nalapho ngelo xesha ushishino ngosetyenziso-ngokutsha kwenkukuma lihlabe ikhwelo kubantu boMzantsi Afrika beentlanga zonke - abadala nabancinane - ukuba bathabathe inxaxheba kwimisebenzi eyahlukeneyo yokucoca kunye nokusebenzisa ngokutsha inkukuma, iye yakukuhlakanipha kwiOverstrand ukusebenzisa eli thuba ukubonisa amaziko onaniselwano ngosetyenziso-ngokutsha lwenkukuma ayo.

NgoLwesiThathu, 16 Septemba 2015, uMasipala iOverstrand usindleke "uSuku loKwazisa ngamaZiko oNaniselwano ngoSetyenziso-ngokutsha kweNkukuma" kwiholo loluntu laseStanford. Lo msitho ubuzinyaswe ngamagosa kamasipala kunye norhulumente, abadli-ndima kolu shishino, amavoluntiya kunye amalungu anomdla oluntu.

Afotwe kuSuku loKwazisa ngamaZiko oNaniselwano ngokuSebenzisa-ngokutsha iNkukuma eStanford (ukusuka ekunxele ukuya ekunene) nguJohan van Taak (uManejala: weNkukuma eQinileyo: Overstrand), uCeba Riana de Coning (Wodi 2), uCeba Dudley Coetzee (Wodi 11), uCharmaine Beukes (uManejala wezeNtengiso: White Shark Projects), uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie, uFrancois Myburgh (uManejala woMmandla: Gansbaai) kunye noPetronella Ferreira (uManejala woMmandla: Stanford)

Uninzi lwamaziko onaniselwano ngosetyenziso-ngokutsha kwenkukuma asebenza kwimimandla yabo bebekade bevinjwe amathuba ngaphambili kwingingqi yeOverstrand kwaye balulutho kakhulu kwiindawo zabo. Amaziko onaniselwano ngosetyenziso-ngokutsha kwenkukuma anexabiso lokusebenza oluziindidi:

- Njengesixhobo semfundo, afundisa abantwana ukuba inkukuma inexabiso lemali kwaye ukuba kukho iinzame ezithile umntu azenzayo, usetyenziso-ngokutsha kwenkukuma kungaphuncula iimeko zabo zoqoqosho.
- Afundisa ulutsha lwethu imithetho-siseko yoshishino ebalulekileyo kunye nobuchule bonaniselwano.
- Ancedisa umasipala ukuba agcine izitalato kunye nendalo esingqongileyo icocekile.
- Adlala indima ebalulekileyo ukurhwebesha ukuba inkukuma ingayi etipini nanjengoko iindleko zokwakha iiseli ezitsha etipini zinyuka ngokukhawuleza.

Amaziko onaniselwano asebenza ngamanqaku nalapho abantwana bakhuthazwa ukuba baqokelele izinto ezinokusetyenziswa ngokutsha ezinjengeebhotile, iinkonxa, amaphepha, njalo njalo. Xa behambisa ezi zinto zinokusetyenziswa ngokutsha kumaziko onaniselwano, bafumana amanqaku angasetyenziswa ukuthenga izinto abazifunayo. Izinto abangakhetha kuzo ziquka uluhlu lwezinto zokucoca ekhaya ukuya kutsho kukutya okunkonkxiweyo, izinto zokuhlamba, izinto zokubhala kwakunye neetoyi.

Kwintetho yakhe ngolo suku, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie uthe wanika imbeko ekhethekileyo kumavoluntiya alawula la maziko onaniselwano ngosetyenziso-ngokutsha kwenkukuma. "Umsebenzi wenu onzima wokuqhuba nokugcina la maziko esebenza ngokufanelekileyo yinto esiyibulelalyo leyo. Umasipala uyaliqonda igalelo kunye nendima eniyidlalayo ngezi nzame zokubonelela uluntu lwenu ngeenkonzo eziqhubekekayo. Sikwabulela lenquleqhu yokusebenzisa ngokutsha inkukuma ukuba iya kuxhasa kakhulu iphulo lethu lokubanga kwakhona iwonga lendumasi lokuba nguwona 'Masipala uluHlaza' kwilizwe lonke, utshilo.

Uthe wanika omnye umcelimngeni kwabo bebezimase lo msitho kwakunye noluntu ngokubanzi, ngokuthi abhengeze ukuba uya kuba ekhokele iphulo lokwenza iOverstrand ukuba ibe yindawo engenazibhegi zeplastiki. "Izolo nje, ndibonise ngokuzingca okukhulu abasebenzi bam iibhegi ezintle ezenziwe ngemathiriyeli yenkukuma esetyenziswe ngokutsha endithe ndazithenga kutshanje kwkaye ndiza kuzisebenzisa xa ndiya kuthenga izinto zam ukusukela ngoku. Ndithe ndabacela ukuba balandele lo mzekelo wam kwaye ndabaqhula ngesilumkiso zokuba othe wabonwa ephethe iibhegi zokuthenga zeplatiski uza kuhlawuliswa umdliwo ngoko nangoko," ubhengeze oko uSodolophu.

Usasazo nalo luthe lwanconywa ngendima oluyidlalayo ukuzisa iinkqubo kunye neeprojekthi eziloluhlobo kwingqwalasela yoluntu. Ngalo mba, uBotha-Guthrie ubhengeze wathi, "Ukuba sithi silufundise uluntu lwethu ngalo mxholo, maninzi amathuba okuphuhlisa abemi abanoxanduva abacinga kakhulu ngendima abangayidlala ekucutheni amazinga enkukuma ethu ngokuthi bayisebenzise ngokutsha. Ngale ndlela, singaqinisekisa indalo esingqongileyo engenalungcoliseko neqhubekekayo silungiselela izizukulwana ezizayo."

IMIRHUMO YOKUPAKA ITHOTYIWE

IINKCUKACHA	ULUNGELELWANISO 2015/2016		OKUPHUNYEZIWE 2015/2016		2014/2015	
	ngafakwanga iVAT	lfakiwe iVAT	ngafakwanga iVAT	lfakiwe iVAT	ngafakwanga iVAT	lfakiwe iVAT
IMIRHUMO YOKUPAKA						
Ipaki ebhatalisayo (kungafakwanga iholide kawonke wonke)						
Imvume yeNyanga ngesithuthi	263.16	300.00	424.56	484.00	385.97	440.00
Ngomkhono weYure okanye inxalenye yoko - uMvulo ukuya kuLwesihlanu 08:30 - 16:00	0.88	1.00	1.75	2.00	0.88	1.00
Ngecala leYure okanye inxalenye yoko - uMvulo ukuya kuLwesihlanu 08:30 - 16:00	1.75	2.00	2.63	3.00	2.63	3.00
NgeYure - uMvulo ukuya kuLwesihlanu 08:30 - 16:00	3.51	4.00	5.26	6.00	4.39	5.00
NgeYure - uMvulo ukuya kuLwesihlanu 08:30 - 13:00	3.51	4.00	5.26	6.00	4.39	5.00

ISIBINI ESITHABATHEKISAYO SIZA KUNIKA UDLWABEVU LWENGOMA

O·A·K
overstrand arts · kunste

Isibini esidlala ipiyano sakwaLavrova-Primakov - iTheko loBuchule - izandla ezine kwipiyano enye - siza kuhlab' umxhelo ababukeli baseOverstrand. Kweli theko, esi sibini siza kudlala uSymphonic Etudes, Op. 13 oqanjwe nguSchumann; uGrand Sonata for Piano Four Hands in F Minor, Op. 178 oqanjwe nguCarl Czerny kunye nengoma kaCorelli ethi Variations on a Theme, Op. 42 kwakunye noSix Morceaux oqanjwe Sergei Rachmaninoff.

Inkosathi iya kuqala nge-19:00 ngorhatya lwangeCawa 08 Novemba eCivic Auditoruim. Amatikiti yi-R120 (R60 kubafundi) kwaye aya kufumaneka nasemnyango. Ungabhukisha eBELLINI GALLERY kwezi nombolo 028 312 4988. Ungaqhagamshelana noNobhala uRené du Plooy kwezi nombolo 082 940 4238 ukuba unemibuzo..

Lavrova-Primakov